




Amaxesha Onyaka




NguNangamso kaNomaHlubi-Koza



Kukho amaxesha amane enyakeni. IHlobo, uKwindla, uBusika neNtwasahlobo. Ixesha ngalinye lonyaka lineenyanga zalo ezintathu ezihlala zinjalo.





IHlobo

IHlobo lelona xesha lonyaka lishushu. Ilanga liggatsa ubhobhoji. Sidlala nabahlobo ixesha elide kuba ilanga litshona kade.



Eli lixsha lemvula ezininzi. Amafu ayaqokelelana adibane ine imvula.





Imithi ivelisa iziqhamo nezitiya ziyokozele imifuno ngeli xesha.

Iintyantyambo ziyadubula, zibe mibala-bala. Ziba ngumbono omhle wamakhaya amabhabhathane neenyosi.



UKwindla

UKwindla lulandela iHlobo.

Iimvula azixhaphakanga kakhulu nelanga alitshisi kakhulu.





Kuyafudumala kuphole ngexexha loKwindla.
Amagqabi emithi ayatsha kujike inkangeleko yawo.
Eli ikwa lixsha lokuvuna kutyiwe umbona omtsha.



Ngeli xesha ezinye izilwanyana zasendle ziyakufuduka ziye kwiindawo ezishushu kuba kusondela iingqele zobusika.





Ubusika

Ubusika bulandela uKwindla.

Eli lixesha elibanda kakhulu kude kuwe ikhephu
kwiindawo ezithile ezijikelezwe ziintaba.



Ingca iba neqabaka ethatha ithuba ukunyibilika.
Iba mhlophe we ixwebe de ibe ngathi imdaka
ngenkangeleko. Amagqabi emithi ayavuthuluka
ngenxa yokunqaba kweemvula.





Nangona inqaba imvula, izityalo ezifana nesipinatshi netswele ziyachuma zona.



Ixesha elininzi silichitha ngaphakathi ezindlini.
Sinxiba iimpahla ezifudumeleyo ukuze sikhuseleke
engqeleni xa siphuma phandle





INtwasahlobo

INtwasahlobo ilandela ubusika.


Ilanga liyaphuma kodwa alitshisi. Amagqabi emithi atshintsha abe luhlaza. Ingca iyajika nayo ibe luhlaza. Iintaka zisoloko zintyiloza kube kuhle.

Eli lixesha lonyaka elilungiselela ixesha lasehlotyeni.



Sityala imifuno, ezinye iziqhamo neentyantyambo.
Silungiselela ukuba xa lifika iHlobo neemvula zalo
sivune loo nto besiyityalile.





Iindawo ezahlukeneyo zifumana amaxesha onyaka ngamaxesha ahlukeneyo. Kusenokuba liHlobo kwelinye ilizwe kube kuseBusika kwelinye. Amaxesha onyaka yenye yezinto ezimangalisayo zobomi basemhlabeni.



Elona xesha lonyaka ndilithandayo yiNtwasahlobo.
Ndithanda ubuhle nokuchuma kwezityalo.

Wena uthanda eliphi ixesha lonyaka. Ngoba?

